Xa Umzali Egula

Ukuba umama okanye utata wakho unesigulo esinganyangekiyo, eli phepha unokubhala kulo lingakunceda unyamekele wena naye!

1 NYAMEKELA UMZALI WAKHO



Ugula yintoni umzali wakho?

_____

Ziintoni angakwaziyo ukuzenza ngenxa yesi sigulo sakhe?

_____

_____

_____

Ziintoni angakwaziyo ukuzenza (ukuba zikhona) ongamnceda kuzo?

IZINTO ANGAKWAZIYO UKUZENZA	INDLELA YOKUNCEDA

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

Jonga izinto onokuzenza endlini

Ziziphi iindlela onokumkhulula ngazo kuxinezeleko analo umzali wakho?

_____

_____

_____

Icebiso

Yiba ‘novelwano’ ngomzali wakho. (1 Petros 3:8) Zama ukucinga ngemeko amele ukuba ukuyo utata okanye umama wakho ngenxa yesigulo anaso. Ngokomzekelo, ibhinqa eliselula uEllen lithi: “Kwiminyaka embalwa edluleyo, kuye kwakho amaxesha abalulekileyo ebomini bam apho umama angakhange akwazi ukubakho. *Kuye kwanzima ngam ukumelana noko kodwa kumama kufanele ukuba bekunzima kakhulu.”*

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

2 ZIKHATHALELE

“Zabaninzi iintsuku endazichitha esibhedlele nezo ndazichitha ndindedwa ekhaya. Xa umama wayesekhaya echacha nangona wayesitya amayeza wayesiva iintlungu yaye engonwabanga. Ukunyamekela impilo kamama kwakunzima.”—UGregory.

Yeyiphi eyona nto inzima xa unyamekela umzali wakho?

_____

_____

Ungawunyamekela njani umzimba wakho?	Ungazinyamekela njani iimvakalelo zakho?	Ungaqiniseka njani ukuba uyamkhonza uYehova nakuba unyamekela umzali?
IZINTO ONOKUZENZA:	**IZINTO ONOKUZENZA:**	**IZINTO ONOKUZENZA:**
_____	_____	_____
_____	_____	_____
_____	_____	_____
_____	_____	_____
IZINTO ONOKUZILUMKELA:	**IZINTO ONOKUZILUMKELA:**	**IZINTO ONOKUZILUMKELA:**
_____	_____	_____
_____	_____	_____
_____	_____	_____
_____	_____	_____

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

IZINTO OZIDINGAYO

IBhayibhile ithi: “Iqabane lokwenyaniso lithanda ngamaxesha onke, yaye lingumzalwana ozalelwe ixesha lokubandezeleka.” (IMizekeliso 17:17) Bhala abantu ababini apha ngezantsi onokubacela xa udinga uncedo.





IBhayibhile ithi: “Umthwalo wakho wulahlele kuYehova. Akayi kuliyekela ilungisa lishukunyiswe.” (INdumiso 55:22) Ukuze uhambisane neli cebiso, ziziphi izinto ozidingayo onokuzithandazela?

_____

_____

_____

_____

Icebiso

Yiba noludwe lwezibhalo ezinokukunceda. UEllen, ekukhe kwathethwa ngaye ngaphambili uthi: “Ngenye imini ndandifunda ulsaya 46:4, othi: ‘Kwanasebudaleni bukabani isekwaNdim; nasekubeni ubani abe yingwevu ndiya kuqhubeka ndithwele. Ngokuqinisekileyo mna ndiya kusebenza, ukuze ndithwale nokuze ndifunqule ndize ndisindise.’ Loo vesi indikhumbuza ukuba asisedwa. UYehova uza kusinceda simelane nayo nantoni na eseza kwenzeka kuthi.”

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania